



Amagqabantshintshi

Imigangatho yokuhlola ekwiNational Curriculum Statement (NCS) ibonisa ubuncinane bamazinga okusebenza abanokuthi abafundi bawabonakalise ekupheleni kwebanga ngalinye kwisigaba sesifundo ngasinye (Learning Area). Okuboniswa kukufundiswa kwemihla ngemihla kukuba otitshala bafumana kunzima ukulinganisa inkqubela phambili yabafundi esebenzisa le migangatho kwithuba elifutshane.


Isebe lezemfundo likaZwelonke, njengexalenye yeMigaqo yolwimi kaZwelonke liqulunqe imigomo emayifunyanwe ngumfundi kwiilwimi ukuzama ukunika iziboniso (indicators) zamazinga okusebenza alindeleke kubafundi kunyaka ngamnye.

Isebe elijongene neenkqubo zokufundiswa kweKharithulam kwibakala lezemfundo jikelele noqeqesho kwiMpuma Koloni lidibene neqela labasebenzi beKharithulam abakwisiphaluka kunye notitshala abafundisa kumabanga asezantsi bakhe nzulu le migomo emayifunyanwe ngabafundi.

Le ntsebenziswano ikhokelele kwinzuzo yomqulu waleMigomo eMayifunyanwe ngabafundi. Lo mqulu ujolise ekuncedeni otitshala ukuba bakwazi ukuqoqa amazinga okusebenza alindelekileyo ekupheleni kweKota kumabanga awohlukeneyo. Lo ngumsebenzi oqhubekekayo oyakusulungwa ngokuhamba kwexesha xa otitshala benike ingxelo ngempumelelo yalo mqulu. Sikhuthaza otitshala ukuba bawusebenzise lo mqulu kangangoko ngalo lonke ixesha kwimisebenzi yovavanyo. Simema bonke abantu, siquka notitshala abakhulu namalungu abaphathi besikolo (SMTs) bangenise iingcebiso nemizekelo enokuthi yomeleze lo mqulu.

Siyathemba ukuba imizamo yethu sisonke iyakusinika umkhomba-ndlela omhle nonyanisekileyo nosebenzisekayo, oyakunceda otitshala basebenze behlola.

Otitshala abakhulu balawule uhlolo lwemisebenzi yabafundi ngokufanelekileyo nangengqiniseko enkulu.



Dr F Peters

Director: Curriculum ECD & GET Programmes

For inputs into this document please contact:

Mrs NP Manxiwa Tel. no: 040 608 4666

Isiqulathiso

Amagqabantshintshi / Intshayelo	i
Isiqulathiso	ii
Imvelaphi	iii – vi
Abaqulunqi	vii
Izinga Lempumelelo Lomfundi	1 - 27
Inkqubo Yohlolo	28 - 29
Umzekelo Wohlolo	30
Isishwankathelo Sohlolo	31 - 32
Izandi Emazifundwe	33

Umgaqo / Indlela yokuphucula imfundo yomntwana / yomfundi

1. Imvelaphi

Izinga eliphezulu lolwimi nezibalo zizakhono ezingundoqo ezifunekayo kwindawo esihlala kuzo. Ukufunda nokubhala zizakhono ezingundoqo ekuphuhliseni ezi zakhono, nasekufikeleleni kulwazi olukwiKharithulam, olujolise ekuphakamiseni izinga lolwazi nezakhono. Le ndlela inenjongo ebanzi eyakuthi emva kwexesha elide abemi boMzantsi Afrika baxhamle izinga lokwazi ulwimi oluya kubanceda bathathe inxaxheba ngokupheleleyo kwizinto zonke zobomi ezibachaphazelayo, kuquka umsebenzi, usapho nababhali ngokupheleleyo.

Ezezimali nezempilo zelizwe lethu zixhomekeke ekwakhiweni kwesizwe esifundileyo esikwaziyo ukufunda ngokuphangaleleyo ngeenjongo zokwenza nangolonwabo. Le nto ithetha ukuba kufuneka senze ulutsha lwangoku lwazi ulonwabo nokubaluleka kokukwazi ukufunda nokuqinisekisa ukuba baya kuba nezinga lezakhono zokufunda oluyimfuneko kule mihla siphila kuyo.

UMgaqo woLwimi weSizwe waphuhliswa ngenjongo yokulwa iziphumo ezibi ezafunyanwa kuvavanyo lwabafundi bebanga lesi-3 nelesi-6 kuvavanyo lweSebe lezeMfundo nokongezelela/ kwandisa usetyenziso lwezixhobo ezifumanekayo zolwimi. Umgaqo ujolise ekubekeni ulwimi esazulwini socwangciso lweKharithulam ukuze umxholo ovela kwezinye iinkalo ube unokunceda ukunika umdla wokuthetha, wokumamela, nokufunda nokubhala. Ngokulinganayo/ ngokufanayo izakhono ezifunekayo kwizifundo zokufunda nokubhala mazisetyenziswe nakwezinye izifundo zemini.

Ngaphezulu lo mgaqo uphakamisa ugxininiso lokufundwa nokuphuhliswa, nonyuselo lelwimi zonke ukusukela kwibanga R ukuya kwelesi-6. Injengokuba ibekiwe kuMthetho wofundiso loLwimi (Language in Education Policy, LIEP).

Izinto ezibalulekileyo zoMgaqo woLwimi lweSizwe ezi zezi:

- Ixesha elimisiweyo elijolise kulwimi
- Ixesha elimiswe bucala lokufundela ulonwabo nolwazi elibizwa ngokuba ngu “Lahla konke ufunde” (YEKA)

Ngenxa yale mbono yeSizwe, uMgaqo wokuphucula imfundo yomfundi wasekwa. Lo ngumzamo wokunceda otitshala ekulweni imingeni eboniswe ziziphumo zoVavanyo lweSebe, zeprojekthi yophando yoVavanyo lweSebe olwalwenziwe ngomnyaka wama-2003. Ezi ziphumo ziyiveze ngokucacileyo imingeni abajongene nayo otitshala nabafundi ekubaleni nasekufundeni izakhono zolwimi. Ibuya inyuse iqondo lenxalabo efumaneka ezikolweni ngezinga elisezantsi lolwimi.

2. Injongo yeMigomo eMayifunyanwe nguMfundi.

Iziphumo zophando olalwenziwe liSebe lezeMfundo yeSizwe nePhondo, neJoint Education Trust (JET), Human Research Council (HRC), Higher Education Institutions (HEIs) and Non-Governmental Organisations (NGOs) zingqina ukuba ububi bolwimi, ukungakwazi ukubhala nokufunda kungabangela izinto ezininzi.

Uphuhliso lweMigomo eMayifunyanwe nguMfundi (LAT) ngumzamo wokulungisa indlela yokhwelo oluyimfuneko olukwincwadi yovavanyo (Assessment Protocol) kaFebruary 2007. Indlela efanayo yale nkqubo ilindelekile kumagumbi okufundela asezantsi, kwiPhondo lilonke jikelele. Kuya kubonakala oku xa imisetyenzana yovavanyo icaciswe ngokupheleleyo nangempumelelo. Imizekelo yeMigomo eMayifunyanwe nguMfundi nezixhobo zokuvavanya zibe kulo mqulu ukunceda otitshala.

3. Inkqubo yePhondo.

Inkqubo yophuhliso yaqalwa ngokukhetha iqela loMsebenzi woLwimi lwePhondo. Iilwimi ezine zePhondo zaba nabameli kweli qela. Iqela loLwimi ngalunye labona kubalulekile ukusebenzisana notitshala bala mabanga ukuqulunqa lo Mgomo. Le nkqubo ifune ukuzibophelela nokuzimisela kwaba titshala kuLwimi ngalunye. Ngomhla we-19 Janyuwari 2008 umqulu wokugqibela waboniswa waxoxwa, uhlalutywa leli qela likhethiweyo. Emva koko wasiwa kulungiso, kubhalo, kupapasho nolwabiwo. Ulwabiwo lokuqala lulungiselelwe uMatshi 2008. Izikolo zonke zePhondo ziyaku wuvavanya ziyilungiselele upapasho lonyaka wama-2009.

4. Indlela yokusebenzisa esi sikhokelo.

Iimfuno zeProtocol ka Februwari 2007 zibeka phantsi imisebenzi yovavanyo yolwimi ngekota nganye.

Qaphela oku kulandelayo:

- kulwimi lweNkobe kukho imisebenzi yovavanyo emi-4 ngekota
- kulwimi olongezelwelweyo lokuqala kukho imisebenzi yovavanyo emi-2 ngekota

Lo mqulu unezi zinto zilandelayo:

- Umqulu weMigomo eMayifunyanwe nguMfundi (LAT)
- Annexure 1-Iphepha lesishwankathelo
- Annexure 2- Umzekelo womsebenzi wokuhlola novavanyo
- Annexure 3- Umzekelo wezixhobo zokuhlola
- Annexure 4- Uluhlu lokuhlola (Programme)

4.1 Umqulu weMigomo emMayifunyanwe nguMfundi.

- Umqulu wokuqala ubonisa iziphumo zezifundo nemigangatho yokuhlola esetyenziselwe uhlolo olunyanzelekileyo nolunganyanzelekanga (formal/informal)
- Qaphela ukuba imigangatho yokuhlola ayilandelelaniswanga ngendlela efanayo kuyo yonke imiqulu yoLwimi lwenkobe
- Imigangatho yokuhlola ekulo mqulu ibalwe ngendlela elandelelana ngayo kumqulu woLwimi lwesiNgesi
- Kukho iikota ezi-4 eziboniswe kwiphepha ngalinye ngendlela yemihlathi (columns)
- Phantsi kwikota nganye kukho iindawo ezinombala nezingenawo
- Iindawo ezinombala zibonakalisa imisebenzi yoHlolo olunyanzelekileyo (Formal Assessment Tasks (FATs) zibonakalisa emakufunyanwe ngekota
- Ezingenamibala zibonakalisa imisebenzi yoHlolo olunganyanzelekanga

Annexure 1: Iphepha lesishwankathelo.

- Lo mqulu usinika umbono weendlela ezisetyenziswayo zemisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo opheleleyo ngekota nganye
- Ibonisa ngetheyibhile iziphumo zesifundo nemigangatho yokuhlola, imisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo, nemisetyenzana, neendlela zokuhlola nezixhobo zokuhlola

Annexure 2: Umzekelo womsebenzi wohlolo

- Lo mqulu ngumzekelo womsebenzi wohlolo
- Otitshala balindeleke ukuba baphuhlise eminye imisebenzi yohlolo njengoko ifunwa yiProtocol

Annexure 3: Umzekelo wezixhobo zokuhlola

- Izixhobo zokuhlola zinxulumene nomzekelo oxelwe kwi-annexure 1 engentla
- Otitshala balindeleke ukuba baphuhlise ezabo izixhobo zokuhlola zemisebenzi yonke

Annexure 4: Inkqubo yohlolo

- Lo mqulu unika inkqubo yohlolo olunyanzelekileyo ngokwebanga ngonyaka

- Yahlulwe ngokweekota yaza yacalula imisebenzi yohlolo olunyanzelekileyo emi-4
- Le nkqubo yohlolo iyinxalenye yocwangciso lokuHlola leSikolo

5. Okuxokonyeziweyo

5.1 Uludwe lwezandi

EzesiXhosa

IsiNgesi

IsiBhulu

ISeSotho

5.2 Amagama abizwa rhoqo

AwesiXhosa

IsiNgesi

IsiBhulu

ISeSotho

5.3 Ukhetho lwemihlathi kumabanga asezantsi

Qiqqa oku:

- Ulwakhiwo lonobumba
- Uxinaniso lwemihlathi (ulingano phakathi komhlathi nemifanekiso)
- Ubukhulu nobuncinane bombhalo
- Izithuba phakathi kwamagama
- Inani lamagama kwiphepha ngalinye
- Ungqamaniso neminyaka / izinga lezakhono /izinga lokuqonda
- Ulwandiso/utyebiso lwezakhono, nokuvula ubume beendawo
- Iindidi zemihlathi:
 - iincwadi, iipowusta, magazine, izimemo, iitshati, imihlathana yephepha-ndaba, imibongo nemiyalelo njalo-njalo

Umsalane obonakalayo womhlathi (umbala, imifanekiso)

ABAQULUNQI

Provincial task team :

Dr T Reddy	CES : ECD/FP	Head Office
Ms W Pretorius	DCES : ECD/FP	Head Office
Ms N.P. Manxiwa	DCES : ECD/FP	Head Office

District Office Task Team:

Ms P.R.N Lefume	DCES : ECD/FP	East London
Ms L.E. Matthews	DCES : ECD/FP	Grahamstown
Ms N.I Mkruqulwa	SES : ECD/FP	Dutywa
Ms N Xashimba	SES : ECD/FP	Queenstown
Ms N.Y. Tyamzashe	SES : ECD/FP	Butterworth
Ms MN Tyatyeka	DCES : ECD/FP	Lady Frere
Ms X Mjele	SES: ECD / FP	King Williamstown

Educators

Ms N.F Mbande	Nozizwe Jun Primary	King Williamstown
Ms N.Y. Saba	Ezikweni Jun Primary	King Williamstown
Ms S.V. Lutuli	Nontuthuzelo Primary	East London
Mr B Tsitsa	Mzamomhle Primary	Butterworth
Ms B Noqha	Mahliwane	Butterworth
Ms V Tyabula	Zidlekhaya	Butterworth
Ms N Mjo	Zabalaza Primary	King Williamstown
Ms S. N Mndi	Emmet Mahonga Primary	Queenstown

1. THANKS

A word of thanks to the following Principals of participating schools:

Ms L.A. Matshoba	Ezikweni J.P	King Williamstown
Ms M.D. Madaka	Nontuthuzelo Prim.	East London
Ms N.F.Ningiza	Mzamomhle J.S.S.	Butterworth
Ms Z.A. Twalo	Esezizwe Jun Primary	Queenstown
Ms G.Z Kwepile	Emmet Mahonga Primary	Queenstown

ATTAINMENT TARGETS

GRADE 2

LO 1: UKUMAMELA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
<p>AS 1: Mamela ngenyameko ixesha elide (ukuphula-phula ixesha elide) ukuphendula kulandelelwano oluntsokothileyo lwemiyalelo efanele umgangatho wakhe</p> <p>AS 2: Bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle kokuphazamisa, ebonisa imbeko kwisithethi, aze anike abanye amathuba okuthetha, ebuza imibuzo ecela ingcaciso okanye eshwankathela okanye bephawula kwinto eviweyo xa kufanelekile</p> <p>AS 3: Mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-</p>	<p>Unako ukulandela imiyalelo emithathu FAT 3</p> <p>Uphakamisa isandla alinde de abuzwe FAT 3</p>	<p>Unako ukulandela imiyalelo emine FAT 3</p> <p>Umamela ngokuzolileyo engaphazamisi FAT 3</p>	<p>Unako ukulandela imiyalelo emihlanu FAT 3</p> <p>Ubonisa imbeko kwisithethi ngokungalaqazi xa emamele FAT 3</p>	<p>Unako ukulandela imiyalelo emihlanu nangaphezulu FAT 3</p> <p>Uyashwankathela/aphawule kwinto ayivileyo xa kufanelekile FAT 3</p>
<p>a) Kumamela isihloko okanye ingcinga engundoqo</p> <p>b) Kumamela iinkcukacha</p>	<p>Bamamela umbongo baze batsho ukuba uthetha ngantoni</p> <p>Baphendula imibuzo kwisicatshulwa umz. amagama abalinganiswa, imibala yeempahla.</p>	<p>Bamamela ingoma bazobe umfanekiso ngomxholo wengoma</p> <p>Baphendula imibuzo kwisicatshulwa umz. amagama abalinganiswa, imibala yeempahla.</p>	<p>Bamamela ibali baze babhale isihloko sebali</p> <p>Baphendula imibuzo kwisicatshulwa umz. amagama abalinganiswa, imibala yeempahla. FAT 1.3</p>	<p>Bamamela ibali baze babhale isihloko nezivakalisi ezithathu ngebali</p> <p>Baphendula imibuzo kwisicatshulwa umz. amagama abalinganiswa, imibala yeempahla.</p>

<p>c) Kuqikelela okunokwenzeka</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphezulu umzekelo kungani? Njani? Ucinga ntoni?</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphezulu umzekelo Kutheni? kungani? Njani? Ucinga ntoni? Ngoba? FAT1.3</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphezulu umzekelo kungani? Njani? Ucinga ntoni?</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphezulu umzekelo kungani? Njani? Ucinga ntoni?</p>
<p>d) Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/ iingcinga kwisicatshulwa somlomo</p>	<p>Abafundi banika iimpindulo ngomlomo, belinganisa. Umfundi ngamnye unikwa oonotsheluzi bezivakalisi ukuze azihlele ngokulandelelana kwazo. FAT 3</p>	<p>Abafundi banika iimpindulo ngomlomo, belinganisa. Umfundi ngamnye unikwa oonotsheluzi bezivakalisi ukuze azihlele ngokulandelelana kwazo</p>	<p>Abafundi banika iimpindulo ngomlomo, belinganisa. Umfundi ngamnye unikwa oonotsheluzi bezivakalisi ukuze azihlele ngokulandelelana kwazo</p>	<p>Abafundi banika iimpindulo ngomlomo, belinganisa. Umfundi ngamnye unikwa oonotsheluzi bezivakalisi ukuze azihlele ngokulandelelana kwazo</p>
<p>e) Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphantsi, umzekelo, ngubani? Intoni? Nini? Phi?</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphantsi, umzekelo, ngubani? Intoni? Nini? Phi?</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphantsi, umzekelo, ngubani? Intoni? Nini? Phi?</p>	<p>Imibuzo ekwizinga eliphantsi, umzekelo, ngubani? Intoni? Nini? Phi?</p>
<p>f) Kuvakalisa uvakalelo malunga nesicatshulwa somlomo ngokunika izzizathu</p>	<p>Ukumisa ubhontsi okanye athobe ubhontsi, ukutshintsha ubuso ebonisa imvakalelo, umz. ukuqumba, ukuncuma okanye ukuhleka.</p>	<p>Abafundi babonakalisa ngeminwe indlela abalithande ngayo ibali, umz. iminwe emi 5- ndilithande kakhulu, emi 4- kakhulu, emi 4- ndilithandile.</p>	<p>Ukumisa ubhontsi okanye athobe ubhontsi, ukutshintsha ubuso ebonisa imvakalelo, umz. ukuqumba, ukuncuma okanye ukuhleka anike izzizathu .</p>	<p>Abafundi babonakalisa ngeminwe indlela abalithande ngayo ibali, umz. iminwe emi 5- ndilithande kakhulu, emi 4- ndilithandile njalo njalo anike nezizathu.</p>

<p>g) Kusebenza intsusa nesiphumo kwisicatshulwa somlomo</p>	<p>Bamamela isandi kunomathotholo baze bachonge ukuba senziwa yintoni, xa kutheni</p>	<p>Bamamela isandi kunomathotholo baze bachonge ukuba senziwa yintoni, xa kutheni</p>	<p>Bamamela ibali elibhaliweyo baze baqikelele unobangela neziphumo</p>	<p>Bamamela ibali elibhaliweyo elintsokothileyo baze baqikelele unobangela neziphumo</p>
<p>AS 4: Mamele bonwabele oqashi-qashi neziqhulo ngokuphendula ngokufanelekileyo</p>			<p>Utishala ubuza oqashi-qashi okanye enze iziqhulo abafundi baphendule</p>	<p>Abafundi benza ababo oqashi-qashi neziqhulo basabelana nabanye</p>
<p>AS 5: Mamele kwisithethi abangasiboniyo (umz: kwifowuni) nokuphendula imibuzo nemiyaalelo</p>	<p>Bamamela unomathotholo baze balandele imiyalelo emithathu abayinikiweyo</p>	<p>Basebenza ngababini bebuzazana imibuzo ngomxholo webali abalivileyo aa</p>	<p>Bamamela ibali baze bagqibezele umsebenzi ngokukhetha u"ewe" okanye u"hayi"</p>	<p>Abafundi bamamela ibali baze baphendule ngokubhala u"ewe" okanye u "hayi"</p>

HL LO 2 UKUTHETHA

	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
AS 1: Balisa ngamava akhe neziganeke ezitsha jikelele	Babalisa iindaba zabo besebenzisa izivakalisi ezilula nezifutshane. FAT 1.3	Babalisa iindaba zabo neendaba jikelele bekhokelwa ngutishala umz. amanqaku kumaphephandaba nakwi TV FAT 1	Babalisa iindaba zabo neendaba jikelele babonise bathethe ngamanqaku abaze nawo FAT 1.3	Babalisa iindaba zabo neendaba jikelele babonise bathethe ngamanqaku abaze nawo
AS 2: Sebenzisa ulwazi lwentekelelo ukuzonwabisa neengcinga ezimnandi (ukubalisa iziqhulo, ukudlala imidlalo yamagama, amaqhina, ukuyila imihobe, ukuyila awakho amagama)	Badlala oqashi-Qashi bekhokelwe ngutishala	Badlala oqashi-qashi bezenzela ngokwabo amaqhina	Badlala imidlalo yamagama kuqala bekhokelwa ngutishala	Benza oqashi-qashi okanye iziqhulo nabanye abafundi
AS 3: Yila nokubalisa ibali elilula elinesiqalo, isiqu nesiphelo esebenzisa ulwimi oluchazayo nokuphepha uphinda-phindo			Utishala ubalisa ebonisa isiqalo, isiqu nesiphelo ze abantwana banikane amathuba nabo bebalisa ukubonakalisa isiqalo, isiqu nesiphelo	Abantwana basebenza ngamaqela bebalisa awabo amabali besebenzisa imifanekiso ukuphuhlisa intsingiselo yebali
AS 4: Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo-				
a) Kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela	Baqokelela iingcinga ngokwamaqela	Baqokelela iingcinga ngokwamaqela	Baqokelela iingcinga ngokwamaqela	Baqokelela iingcinga ngokwamaqela

b) Kunikana amathuba, nokubuza imibuzo esemxholweni				(kwenziwa ku LO 2 AS 2 & 3 (Term 3,4)	Utishala ubanika imisebenzi yokusombulula iingxaki umz: ungathini xa ufika umhlobo wakho ebhala izithuko kwindlu yangasese? Basebenza ngamaqela ukuza nesisombululo
c) Kucebisa nokwandisa iingcinga	Basebenza bebonke besandisa iingcinga abaziqokeleleyo ngesihloko esikhethiweyo	Basebenza ngokwamaqela amancinci besandisa iingcinga abaziqokeleleyo ngesihloko esikhethiweyo	Umfundi ngamnye ukhetha unotsheluzi afunde, achaze okubhalwayo nokuya kuthi kwenzeka FAT I		
d) Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye			lingxoxo nemibuzo ebhekisele kumabali ayinyan ni abawafundileyo umz: mhla kwatsha indlu yasekhaya. Abafundi bachaza iimvakalelo zabo nezinto abanokuzenza xa benokuba kuloo meko		
e) Kubuza imibuzo efuna ingcaciso nolwazi					Udliwano-ndlebe nabantu basekuhlaleni neendwendwe ezimenyiweyo esikolweni. Bacwangcisa baxoxe ngemibuzo ezakubuzwa.
f) Kuphendula imibuzo nokunika izizathu zeempendulo	Abafundi bamamela baphendule imibuzo	Baphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu emva kokumamela ibali/okanye isifundo benika izizathu	Baphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu emva kokumamela ibali/okanye isifundo benika izizathu		Baphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu emva kokumamela ibali/okanye isifundo benika izizathu zeempendulo umz: (kutheni?)

		zeempendulo umz: (kutheni?)	zeempendulo umz: (kutheni?)		
g) Kunika ingxelo yomsebenzi weqela	Banika ingxelo ngeengcinga nezisombululo eziqokelelwe kumaqela	Banika ingxelo ngeengcinga nezisombululo eziqokelelwe kumaqela	Banika ingxelo ngeengcinga nezisombululo eziqokelelwe kumaqela		
AS 5: Sebenzisa iindlela zokusombulula iingxaki	Sekwenziwe ku AS 4c Term 3 & 4	Sekwenziwe ku AS 4c Term 3 & 4	Sekwenziwe ku AS 4c Term 3 & 4		
AS 6: Sebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (udliwano-ndlebe nabantu) nokulinganisa	Abafundi baxelela abanye ngabo umz: inkangeleko, usapho, umhlobo , okona kutya bakuthandayo njl-njl	Abafundi benza umdlalo osekelwe kwimeko ethile umz:ukuxolisa xa omnye one omnye Udliwano-ndlebe nenqununu yesikolo Umdlalo omfutshane obonisa ukumenywa komhlobo kwitheko lokuzalwa FAT 3	Abafundi baqulunqa isihloko somlomo esisekelwe kumxholo othile FAT 1.3		

AS 7: Sebenzisa umthamo nomgangatho welizwi owahlukileyo (ukuthetha kwibala lemidlalo, ukuthetha neqela elincinane)

Umfundi ubalisa iindaba enze nesicingcelezo FAT 1.3

Ubalisa iindaba enze nesicingcelezo aze avavanywe kukuphakama nokuhla kwelizwi nemvakalozwi FAT 1.3

Ubalisa iindaba enze nesicingcelezo aze avavanywe kukuphakama nokuhla kwelizwi nemvakalozwi FAT 1.3

Ubalisa iindaba enze nesicingcelezo aze avavanywe kukuphakama nokuhla kwelizwi nemvakalozwi FAT 1.3

<p>LO 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA AS 1: Sebenzisa izikhokelo zokubonwayo ukuphuhlisa intsingiselo ngo-</p>	<p>TERM 1</p>	<p>TERM 2</p>	<p>TERM 3\</p>	<p>TERM 4</p>
<ul style="list-style-type: none"> o kuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba bacinga ukuba abali lingantoni 	<p>Baboniswa uqweqwe lwencwadi baze babuzwe ukuba bacinga ibali lingantoni kuba kutheni</p>	<p>Baboniswa uqweqwe lwencwadi baze babuzwe ukuba bacinga ibali lingantoni kuba kutheni</p>	<p>Baboniswa uqweqwe lwencwadi baze babuzwe ukuba bacinga ibali lingantoni kuba kutheni</p>	<p>Baboniswa umfanekiso osencwadini babuzwe ukuba inokuba kwenzeka ntoni? Kuza kwenzeka ntoni? Kutheni ucinga njalo?</p>
<ul style="list-style-type: none"> o Kunxulumene nemifanekiso, noshicilelo lwezixhobo zokusasaza nokwazisa ngo- <ul style="list-style-type: none"> ➤ Kutolika umyalezo ongundoqo ➤ Kuchonga injongo, abaphula-phuli nalapho inokufumaneka khona 				<p>Basebenzisa iimagazini bebonisa ukuqonda umyalezo ongundoqo bechonga nabaphulaphuli</p>
<p>AS 2: Kuvakalisa impendulo yakhe kwimifanekiso eshicilelweyo, neyezixhobo zosasazo</p>				<p>Basebenzisa iimagazini baphendule imibuzo Uwulandele umyalezo? Uziva njani ngomyalezo?</p>
<p>AS 3: Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngo-</p>				

<ul style="list-style-type: none"> ○ Kuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye- <ul style="list-style-type: none"> ➤ Kuchazwe ingcinga eyintloko ➤ Kuchongwe iinkcukacha eziphambili (abalinganiswa abaphambili, ukulandelelana kweziganeko, kweendawo) ➤ Kuchongwe nokuxoxa ngokuxabiseka kwenkcubeko esebalini ➤ Kuchongwe izizathu neziphumo (kutheni into isenzeka ebalini) ➤ Kwenza izigqibo ➤ Kuvakalisa ukuba bayalithanda ibali okanye hayi kwaye bazathuze ○ Kufunda izicatshulwa kwinqanaba elinobunzima (iincwadi zeentsomi nezibaliso njl-njl) 	<p>Bachaza injongo engundoqo baxele ukuba balithandile/abalithandanga ibali, kuba kutheni?</p>	<p>Bachonga iinkcukacha eziphambili, ingcinga engundoqo, abalinganiswa abaphambili nokulandelelana kweziganeko neendawo</p>	<p>Bachonga iinkcukacha eziphambili, ingcinga engundoqo, abalinganiswa abaphambili nokulandelelana kweziganeko neendawo FAT 2</p>	<p>Bachonga baxoxe ngokuxabiseka kwenkcubeko esebalini</p>
<p>AS 4: Nakana aze anike intsingiselo yoonobumba namagama kwizicatshulwa ezidana ngo-</p>				

<ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda ngesantya esikhulayo izicatshulwa 	<p>Bayazifundela isicatshulwa abasinikiweyo esimagama ali 100 FAT 2.4</p>	<p>Bayazifundela isicatshulwa esimagama ali 125 FAT 2.4</p>	<p>Bayazifundela isicatshulwa esimagama ali 175 FAT 2.4</p>	<p>Bayazifundela isicatshulwa esimagama ali 200 FAT 2.4</p>
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda ngokuvakalayo kwaye esebenzisa ucinezelo nokubiza amagama ngokufanelekileyo ○ Kusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njengezandi, izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenza intsingiselo yesicatshulwa 	<p>Bafunda isicatshulwa abasinikiweyo besebenzisa amagama ngokufanelekileyo</p>	<p>Bafunda isicatshulwa abasinikiweyo besebenzisa uxinzelelo apho kufaneleke khona xa befunda izingxi FAT 2.4</p>	<p>Bafunda isicatshulwa bexinzelela apho kufaneleke khona umz: imibuzo, impawu zokhuzo iikoma FAT 2.4</p>	<p>Bafunda isicatshulwa ngezivakalisi ezipheleleyo Babeka ulwimi ngendlela begxininisa ngokufanelekileyo FAT 2.4</p>
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kusebenzisa iindlela zokuzikorekisha njengokuphinda ufunde, nqumama, ziqhelise amagama phambi kokuba awabize 	<p>Abafundi bafunda isicatshulwa ngokuphinda phinda bade bawachane amagama</p>	<p>Abafundi bafunda isicatshulwa ngokuphinda phinda bade bawachane amagama</p>	<p>Abafundi bafunda isicatshulwa ngokuphinda phinda bade bawachane amagama</p>	<p>Abafundi bafunda isicatshulwa ngokuphinda phinda bade bawachane amagama</p>
<p>AS 5: Khulisa ingqiqo yezandi ngo-</p>				
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kunakana ukuba izikhamiso zingalandelelana kwamanye 	<p>Abafundi bafunda oonotsheluzi</p>	<p>Abafundi bafunda oonotsheluzi</p>	<p>Abafundi bafunda oonotsheluzi</p>	<p>Abafundi bafunda oonotsheluzi</p>

amagama umz: iinkomo	abanamagama aqhelekileyo angononye anezikhhamiso ezilandelelanayo FAT 2.4	abanamagama aqhelekileyo angononye anezikhhamiso ezilandelelanayo	abanamagama aqhelekileyo angonombini anezikhhamiso ezilandelelanayo	abanamagama aqhelekileyo angonontathu anezikhhamiso ezilandelelanayo FAT 2.4
o Kunakana ukuba isandi esinye singanamaqabane amabini ‘ph’, ‘sh’	Abafundi bafunda oonotsheluzi abanezandi eziqhelekileyo ezingonombini ezinamaqabane amabini FAT 2.4	Abafundi bafunda oonotsheluzi abanezandi eziqhelekileyo ezingonombini ezinamaqabane amabini. Fat 2.4	Abafundi bafunda oonotsheluzi abanezandi eziqhelekileyo ezingonombini ezinamaqabane amabini	Abafundi bafunda oonotsheluzi abanezandi eziqhelekileyo ezingonombini ezinamaqabane amabini
o Kunakana amaqabane amabini namathathu axutyiweyo ‘mnt’, ‘tsh’	Bafunda oonotsheluzi abanamagama anamaqabane amabini namathathu axutyiweyo FAT 2.4	Bafunda oonotsheluzi abanamagama anamaqabane amabini namathathu axutyiweyo FAT 2.4	Bafunda oonotsheluzi abanamagama anamaqabane amabini namathathu axutyiweyo	Bafunda oonotsheluzi abanamagama anamaqabane amabini namathathu axutyiweyo
o Kunakana iqela lamagama abonwa njalo	Bafunda amagama abonwa njalo kwiincwadi banakane ubuncinane amagama ali- 250 kuquka ulwimi olusetyenziswa kwezinye izifundo	Bafunda amagama abonwa njalo kwiincwadi banakane ubuncinane amagama ali- 500 kuquka ulwimi olusetyenziswa kwezinye izifundo	Bafunda amagama abonwa njalo kwiincwadi banakane ubuncinane amagama ali- 750 kuquka ulwimi olusetyenziswa kwezinye izifundo	Bafunda amagama abonwa njalo kwiincwadi banakane ubuncinane amagama ali- 1000 kuquka ulwimi olusetyenziswa kwezinye izifundo
AS 6: Fundela ulwazi nolonwabo ngo-				

<ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda iincwadi zemifanekiso namabali alula akhethwe nguye 	<p>Bafunda iincwadi ezilula ezinezivakalisi ezithathu ukuya kwezine zinemifanekiso</p>	<p>Bafunda iincwadi ezilula ezinezivakalisi ezine ukuya kwezihlanu zinemifanekiso</p>	<p>Bafunda izivakalisi ezide ezinezihlanganisi</p>	<p>Bafunda izivakalisi ezide ezinezihlanganisi</p>
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kubonisa ukuxabiseka kwamabali kwiinkcubeko ezahlukeneyo 			<p>Unakana aze axoxe ngokubaluleka kwenkcubeko ebalini</p>	
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kuqala ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama 	<p>Bajonga upelo lwamagama kwisichazi-magama</p>	<p>Bajonga upelo lwamagama kwisichazi-magama</p>	<p>Bajonga upelo lwamagama nentsingiselo yawo kwisichazi-magama</p>	
<ul style="list-style-type: none"> ○ Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (umz: iimagazini, iincwadi eziyinyaniso ezihlekisayo) 	<p>Bafunda izicatshulwa ezilula</p>	<p>Bafunda izicatshulwa ezilula</p>	<p>Bafunda izicatshulwa ezilula</p>	

LO 4: UKUBHALA	TERM 1	TERM 2	TERM 3	TERM 4
<p>AS 1: Bhala ngokufundekayo okukhulayo ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> o Kusebenzisa izixhobo zobuchule bokubhala nokuzizalisekisa ngokufanelekileyo 	<p>Hlaziya oonobumba abasele befundiwe kwa Grade 1 umz: oonobumba abancinci neepateni. Qala ufundise oonobumba abakhulu umz: A B C D....</p> <p>Bakhuphela umsebenzi onoonobumba abakhulu utishala ahlole esebenzisa iRubriki</p>	<p>Fundisa oonobumba abakhulu V, W, M,N</p> <p>FAT 2</p> <p>Ubonisa ngokubhala Utishala uhlola esebenzisa ukukhangela ikota yonke esebenzisa iincwadi zabo njengomsebenzi obonakalayo esebenzisa iRubriki</p>	<p>Bafundiswa indlela yokubamba nokucinezela into yokubhala, ukufaka umbala, ubuchule bokusika nokuncamathisela. Bakrwele imigca bacime amagama ngerabha ngaphandle kokukrazula iphepha</p> <p>FAT 2, 4</p> <p>Utishala uhlola ekhangela umsebenzi wabantwana ogqityiweyo esebenzisa iRubriki</p>	<p>Bafundiswa indlela yokubamba nokucinezela into yokubhala, ukufaka umbala, ubuchule bokusika nokuncamathisela. Bakrwele imigca bacime amagama ngerabha ngaphandle kokukrazula iphepha</p> <p>FAT 2, 4</p> <p>Utishala uhlola ekhangela umsebenzi wabantwana ogqityiweyo esebenzisa iRubriki</p>
<ul style="list-style-type: none"> o Kwenza oonobumba ngokucacileyo nangokulula 			<p>Bafundiswa oonobumba abakhulu D, P, R, B, J</p> <p>FAT 2,4</p> <p>Utishala uhlola ekhangela umsebenzi wekota esebenzisa iincwadi zabo</p>	<p>Bafundiswa oonobumba abakhulu. Kuvavanywa umsebenzi wekota ezidlulileyo. Kuqaliswa umsebenzi wokubhala ngokudibanisa (cursive)</p> <p>FAT 2,4</p> <p>Utishala uhlola ekhangela umsebenzi wekota</p>

			njengomsebenzi obonakalayo esebenzisa isixhobo sokuhlola	esebenzisa iincwadi zabo njengomsebenzi obonakalayo esebenzisa isixhobo sokuhlola.
